# Amaqaba ! Pulapula.

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)

Taru Mhleli ngesituba sezi mbongi
Ndisahleli ndingumfana andimbongi
Ndingumpati tunga lezi Nxiba-Mxaka
Makabhekabheke onka magqob'oka.

Taru Mhleli ngesituba sezimbongi
Ndiko noko ndisahleli andimbongi
Ndililo iqaba eli lintyontyayo
Bikela mawenu uti ndim otshoyo.

Ati amogqob'oka singabahedeni
Kodwa wonke umzi usaya eweni
Napufum' umlungu zenibe babini
Kodwa lon' Ilizwi lifike sinani.

Zemnka zihlepuka kwanento zo Ngqika
Nezandundu zityabuke kukuxoka
Ngenxa yalemfundo yenu magqob'oka
Nigqob'ok' emini kuhlwe nizinc'uka.

Sinengqungqutela tina bomaqaba
Siko sisahleli sisaziv' indaba
Kwezontlanganiso zenu asibangako
Zicas' amaqaba ngohlobo lungako.

Ndiko ndisahleli ndim lowu ntyontyayo
Bikela mawenu uti ndim otshoyo
Ndiyinto ndateta kwasekuveleni
Agqusha ma Tshawe adlale nkundleni.

Zipambili ncwadi zetu bomaqaba
Sinimmangalele kotshona nenkaba
Namhla sifikile siza kunenzela
Kuba sazalwa ke ukumnka komhla.

Mna ndonityela kokwam ukwazi
Kuba kude kutiwa ninolwazi
Namhlanje napuse nolwasekofini
Nditsho ke mna qaba lasemaqabeni.

Naqala ngeratshi kungeko zimanga
Nenza ke Ilanga ngoko lati manga
Sada sanoyika tina bo maqaba
Ningajongani nomr'ajana weqaba.

Namhla izwi lenu lisezaqwitini
Nishiywe yimfundo iselutulini
Ngenxa yeliratshi lenu magqoboka
Makapike ke oqele ukupika.

Aninaluncedo kuti ninezote
Nisenza inkuni zokuba manote
Sitsho tina ntombi zama kota mbola
Xa sipike nani singatshabalala.

Wena ke gqoboka udalwe nge Lizwi
Azi akunayenake Umkumbuzi
U Mushe wopuma kuti nilibele
Avule indlela isaninqabele.

Camagu !!